Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

| | Telephone | Fax |
|---|---|---|
| Hermanus | 028 313 8000 | 028 312 1894 |
| Gansbaai | 028 384 8300 | 028 384 0241 |
| Kleinmond | 028 271 8400 | 028 271 4100 |
| Stanford | 028 341 8500 | 028 341 0445 |

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

APRILI 2017

# Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

## IINDLELA ZASESANDBAAI:

### Zintoni ezingalindelwa kwezi nyanga zilithoba zizayo

Amashishini nabahlali baseSandbaai kumele balindele ingxinano yezithuthi kunye nempembelelo yokuvalwa kwezitalato ezithile kwiindawo zabo.

Umsebenzi sele uqalile kwaye ulwakhiwo lulindeleke lugqitywe ekupheleni kweyeDwarha. Umsebenzi uza kuqhuba ngokwezigaba (jonga ishedyuli engezantsi).

Indlela ezichaphazelekayo iza kuba sisiTalato iBergsig phakathi kwesiTalato iAloe nesiTalato iArgon, iNdlela eNkulu iSchulphoek ephakathi kwe-R43 nesiTalato iAdam, isiTalato iAdam kunye nesango elisecaleni kwe-R43.

NgokukaDennis Hendriks onguMphathi oyiNtloko kwiiNkonzo zobuNjineli, "isigaba esilandelayo nesisesokugqibela kulwakhiwo ngokutsha lweendlela zaseSandbaai ngo-2017 olunxulumene neziko lodederhu lweevenkile, sele luqalile.

Kumele ukuba kuqatshelwe ukuba ishedyuli le yeyexeshana kuphela, nanjengoko iimeko zemozulu neminye imibandela ingachaphazela iintsuku ezimiselweyo. Ke ngoko isisikhokelo nje".

Abahlali abamelene neendlela ezichaphazelekayo (isitalato iBersig kunye nesiTalato iOos-end) kuya kuqhagamshelwana nabo kwaye baziswe ngokufanelekileyo kuqinisekiswa nakuphi na ukuvalwa okunxulumeneyo kunye namalungiselelo angamanye". UCeba kuWadi 7, uDavid Botha, wongeze ngelithi "iinguqu ziya kuxelwa ngoko nangoko kwabo bahlali nabasebenzisi bezitalato abachaphazelekayo".

UCeba uBotha uqhube waqinisekisa ukuba akukwazi ukuhamba usebenzisa iNdlela iMain yaseSandbaai ukuya kwiNdlela iSchulphoek ungakwazi ukwenza kangangenyanga ezilithoba, nanjengoko isitalato siya kwakhiwa ngezigaba kwaye ke ngoko singafikeleleka njengoko kuphawulwe.

Kuyimfuneko apho kukho isidingo ukuba ibe ngabahlali nabandwendweli kuphela kwakunye nabo banamashishini akhethekileyo kulo mmandla, ekumele basebenzise ezi ndlela kuthethwa ngazo. Abahambi ngeenyawo, ke ngoko, baya kulungiselelwa ngawo wonke amaxesha malunga nezi zitalato ezithe zavalwa kodwa bakhuthazwa ukuba bahambe kwimizila emiselweyo kwaye bahlale bethobela amadoda aphethe iiflegi agunyazisiweyo naya kusebenza ngelo xesha limiselweyo.

Ngokufanayo, abakhweli-bhayisekile baya kufikelela kule mizila kuthethwa ngayo, kodwa kumele kuqiqwe ukuba abahambi ngeenyawo baya kuba nelungelo lokusebenzisa kuqala ngalo lonke ixesha.

*• Ukuba unayo nayiphi na imibuzo enxulumene noku kungentla, nceda uzive ukhululekile ukuba ungaqhagamshelana nommeli womphuhlisi, uLeon Louw kwa-083 324 5928 okanye umPhathi weeProjekthi zikaMasipala, uDennis Hendriks kwa-082 416 8676.*

**Ishedyuli yexeshana njengoko kuvunyelwene ngayo phakathi kukaMasipala nompuhlisi imi ngolu hlobo:**

| ICANDELO LESITALATO | IMIHLA EMISELWEYO YOKUVALA | IMIHLA EMISELWEYO YOKUVULA |
|---|---|---|
| IsiTalato iOos-end ukususuka kwisiTalato iJimmy Smith ukuya kwisiTalato iEnd<br>Ungena ngesango elisuka kwisi Talato iMyrtle | NgoLwesine 16 kweyoKwindla | NgoLwesibini 18 kuTshaziimpuzi |
| IsiTalato iJimmy Smith ukususuka kwisiTalato iSchneider ukuya kwisiTalato iOos-end | NgoLwesine 16 kweyoKwindla | NgoLwesine 20 kuTshaziimpuzi |
| **AKUNGENWA - akukho zindlu kulo mmandla** | | |
| IsiTalato iBersig ukususuka kwiNdlela iSchulphoek ukuya ngasentshona de iyokuba sisiTalato Argon<br>Ungena ngesango elisuka kwiNdlela iSchulphoek nesiTalato iAdam nesiTalato iArgon ukuya kwisiTalato iAloe | NoLwesithathu 1 kweyoKwindla | NgoLwesihlanu 30 kuTshaziimpuzi |
| IsiTalato iBergsig ukususuka kwisiTalato iAloe ukuya ngasentshona de ukufika kwisiTalato iBergzicht ngakumasango eMonte Mare | NgoLwesithathu 01 kweyoKwindla | NgoLwesihlanu 30 kuTshaziimpuzi |

Ungena kwisango elikwisiTalato iAloe ukususuka kwiNdlela iSchulphoek malunga nesiTalato iAdam nesiTalato iArgon nesiTalato iBergsig

## Italente, uphuhliso lolutsha kunye nabagqwese kulwakhiwo loluntu kwimiBhiyozo yemiDlalo yaseOverstrand yango-2017

*Emfanekisweni bekunye ngeqela leqakamba eliphumeleleyo elivela eHawston (kude ekunxele ngasemva) nguAyanda Stali, umPhathi wemiDlalo nezoLonwabo (emile ukususuka ekunxele ukuya ekunene) umPhathi kaMasipala uCoenie Groenewaild; Amalungu eKomiti kaSodolophu uCeba Rianna de Coning, uCeba uAndrew Komani kunye noCeba uArnie Africa, kunye noSekela-Sodolophu ngokwesiGqeba soLawulo uSibonda uDudley Coetzee ekwakunye noCeba uElnora Gillion (ekunxele ngaphambili).*

UmBhiyozo wemiDlalo waseOverstrand uthe wangobalaseleyo kwikhalenda yemidlalo nabathandi bayo kulo mmandla, kwaye nakulo unyaka ayikhange idanise. Ngowe-11 kweyoKwindla 2017, ooceba bakamasipala waseOverstrand, bekhatshwe nguSodolophu ngokwesiGqeba soLawulo uSibonda uRudolph Smith, amagosa, abathabathi-nxaxheba kunye nabaxhasi badibene kwiZakhiwo zemiDlalo ezikumaBala aseGansbaai ukuza konwabela usuku lokhuphiswano lobuhlobo kwimidlalo yenethibholi, umbhoxo, isoka neqakamba esindlekwe nguMasipala waseOverstrand.

Kwakhona, le tumente eyimbalasane neyandayo idontse ababukeli abazalise amabala nabathe bafumana ukonwabela inkqubo ezeleyo yemidlalo kunye nomboniso wezakhono wetalente yemidlalo yaseOvestrand.

Umbhiyozo uvulwe ngendlela edlamkisayo neyolisayo ngokuthi ibhola yokuqala umdlalo wamaqela akhuphisanayo, ikhokelwe yiBlompark Minstrels, ebisonwabisa ngobalaseleyo ngaloo midaniso neengoma zabo zekhanivali ezonwabisayo. UCeba waseOverstrand uRiana de Conin uthe wavula le midlalo ngolwamkelo olushushu, olulandelwe intetho yokuvula kaSekela-Sodolophu uSibonda uDudley Coetzee uye wathi, "Imicimbi enje ngale inika uluntu lwethu amathuba okuvelisa kwaye aphuhlise iitalente zemidlalo. Imidlalo yeyona ndlela yokudibanisa abantu kwaye ikhuthaze ubumbano ngokwentlalo."

Njengokuba ingxelo yakhe ibinika imbono kangangoko, kodwa kukuvuthela kwakhe iVuvuzela uCoetzee eqalisa le midlalo okuthe waphakamisa izihlwele ngentswahla yemiyiyizelo nemivuyo.

Imidlalo yokukhiqana kwinqanaba lokugqibela lokhuphiswano ithe yabonakalisa ukuba nesibindi, ukuzimisela nezakhono ezimangalisayo ezithe zabonakaliswa gca ngamaqela onke athabathe inxaxheba.

Bekungekho zathusayo xa, kwiminyaka emihlanu ilandelelana, iqela elikhutheleyo lase Hawston lithe kwakhona lavela njengeliphumeleleyo njenge'Kumkani zeQakamba' emva kokubetha iKlabhu yeQakamba yaseKleinmond iphumelela ngoothinti aba-7. Nangona kunjalo, iKleinmond ithe yabuyisa isidima ngomdlalo obujongwe ngamehlo abomvu wombhoxo nalapho ithe yabetha iAtlantics yaseMount Pleasant, eHermanus ngamanqaku angama-20 kwama-3.

IKleinmond ithe yaphosa kancinane ukufumana isicoco somdlalo obushushu kwihlelo lamaGqala eSoka. AmaGqala aseZwelihle eHermanus athe abonisa amaqhekeza engqele ngokuphumelela ngamanqaku ali-8 kwasi-7 kwiipenalthi.

IKlabhu yeNethbholi yaseHermanus ithe yagcina iminqweno imikhulu ngokuthi iphumelele indebe yenethibholi ngempumelele ephezulu nebonakalisa isakhono yamanqaku angama-40 kwangama-24; itshabalalisa zonke iinzame ezintle zeMount Pleasant.

Nangona kunjalo, iYoung Tigers yaseStandford kumagqibela kankqoyi esoka ithe yabetha ngokungenalusini iPeace Makers yaseGansbaai ngokuphumelela ngamanqaku ama-3 kweli-1. Ngenxa yaloo miphumela, iSweepers yaseZwelihle ithe yamkela ukuba kwindawo yesithathu.

Xa le midlalo ibisiya ekupheleni nje ngaphambi komsitho wokukhutshwa kwamabhaso, iNtloko yePotfoliyo yeeNkonzo zoLuntu, uCeba Andrew Komani, uthe wenza izihlomlo ezisisiseko kwintetho yakhe yokuvala esithi, "Oku sikubona apha namhlanje bubungqina beenzame ezinkulu kunye nojolisa kweendawo zaseOverstrand kuphuhliso loluntu lwethu, ngakumbi ulutsha. Kungako oko ke kufanelekile ukuba sibhiyoze kwaye siwonge ezitalente zimangalisayo ngeembasa ezifanelekileyo."

Kuko konke, bekukhuthaza ngakumbi ukubona kunikwa iwonga abo bathe banempumelelo engumangaliso abafana nabadlali abanjengoErika Hansen weKlabhu yeNethbholi laseHermanus, uMarchello Joemat weKlabhu yoMbhoxo yaseKleinmond, uPhillip Oliphant weKlabhu yeQakamba yaseHawston kunye nembalasane eminyaka ili-16 ubudala uBongani Mngeni weYoung Tigers yaseStanford abathe bafumana iindebe ngamnye kubo zokuba ngabaDlali boNyaka kwimidlalo yabo yenethibholi, umbhoxo, iqakamba nesoka.

## IOVERSTRAND ISINDLEKA UVAVANYO LWASEMVA KWEXESHA LEMIBHIYOZO LWESICWANGCISO ESISALINGWAYO SOKHUSELEKO SESITHILI IOVERBERG

"Kumele ndikhuthaze abo bathe bathabatha inxaxheba kwisiCwangciso soKhuseleko sesiThili (i-DSP) esisalingwayo ebesiqaliswe eOverberg ngowo-1 kweyeDwarha 2016 kwaye saqhutywa de kwangowe-16 kweyoMqungu kulo nyaka. Iinzame zobambiswano lwenu kwesi sithuba sexesha zithe zaqinisekisa ukwehla kakhulu kweengozi ezidala ukusweleka kwabantu kulo mmandla, ngakumbi izintlu eziphambili ekujoliswe kuzo zabahambi ngeenyawo kunye nabantwana."

Le nkcazelo yenziwe nguMnu Kenny Africa oliGosa eliyiNtloko eNtshona Kapa kwaye ebengumLawuli weNkqubo kuvavanyo lwasemva kwexesha lemibhiyozo lesiCwangciso soKhuseleko sesiThili ebesisindlekwe nguMasipala waseOverstrand kwizakhiwo zawo eHermanus ngoLwesihlanu, wama-27 kweyoMqungu 2017.

Ebebekho kulo msitho ibingabameli babadlali-ndima abaphambili abaquka oomasipala baseOverberg, iCape Agulhas, Theewaterskloof, kunye neOverstrand; kwakunye neDibaniselana yamaPolisa oMzantsi Afrika

IsiCwangciso soKhuseleko sesiThili (esifinyezwa njenge-DSP) siqulunqwe ukuba siquke nemibandela yentlalo noqoqosho, imithombo karhulumente kwakunye nemeko yendlela.

Iiarhente zonyanzeliso-mthetho ezichaphazelakayo eziquka amaPolisa oMzantsi Afrika, iiNkonzo zeNdlela zePhondo, kunye neeNkonzo zezeNdlela zikaMasipala ezintathu ebezithe zahlanganiswa. Ngaphezulu koko, iinzame zokufundisa ezihambisana neentengiso zokwazisa ezibanzi zithe zaqhutywa ukuqinisekisa ifuthe elikhulu lokwazisa uluntu kunye nokuguqula iingqiqo. Kwelo ke, uDanny Cat, olikhubalo lokhuseleko ezindleleni zephondo, uthe wagqama kweli phulo libe yimpumelelo.

**Iziphumo zeKota yesi-3: 2016/17, njengoko zithelekiswa noko kujoliswe kuko, neKota yesi-3: 2016/17 zithe zaba zezi zilandelayo:**

**IsiCwangciso soKhuseleko sesiThili**

| IKota yesi-3 (1 kweyeDwarha - 31 kweyoMnga 2016/17 | 2015/16 Okwenze-kileyo | 2016/17 Ekujoliswe kuko | 2016/17 Okwenze-kileyo | 2019/20 Ekujoliswe kuko |
|---|---|---|---|---|
| Abasweleke kwiingozi zendlela | 21 | 14 | 11 | 10 |
| Abahambi ngeenyawo | 5 | 3 | 2 | 0 |
| Abantwana 0 - 14 | 4 | 0 | 0 | 0 |

Ngaphandle kothotho lwempumelelo, uAfrica undulule ukuba umsebenzi omninzi usadinga ukwenziwa khona ukuze kuqinisekiswe imfezeko eqhubekekayo ye-DSP kumkhomba-ndlela. "Sidinga ukunyanzelisa umyalezo wokuba ubhele lomsele kunye nendlela, azidibani. Iinzame zethu, ukuba zisebenza ngokuchanekileyo, ziya kukhokelela kutshintsho lwesimilo nokuziphatha kubasebenzisi bendlela kwaye oko kuya kukhokelela kwinjongo yokucutha ubutyobo beengozi zeemoto kwiindlela zethu," utshilo uAfrica.

## Okunye okungasetyenziswa emakhaya ngaphandle kweplastiki



Nanjengoko siya sicacelwa kukuba kubi kanjani ukuba neeplastiki ezininzi kumakhaya ethu, kumele siqale ukukhangela ezinye iindlela ezikhoyo ngoku.

Ukuba ubufunda amanqaku ethu angokusingqongileyo kwiBulletin kulo nyaka uphelileyo, ungaba sele uqalisile ukucutha isixa seeplastiki ozisebenzisa kanye, umzekelo, izitro zeplastiki, iibhotile zeplastiki kunye neebhegi zokuthenga zeplastiki. Okanye ingaba sele ucinga ngenyathelo elilandelayo ongalithabatha ukucutha ukusebenzisa iiplastiki kwaye uyacinga ukuba ungaqala phi na?

Ukuba ungajonga izixhobo esizisebenzisa kumakhitshi ethu kule mihla, ngakubi izixhobo zokuphela nezokugcina, yeyona ndawo ilungileyo ongaqala kuyo.

Abantu basoloko bengaqondi ukuba iiplastiki ezininzi zikhuphela amachiza anobungozi ekutyeni okanye kwiziselo ezidibana nazo, ngakumbi kwiindawo ezinamaqondo obushushu aphezulu njengalawo emakroweyivu, isihlambi-zitya okanye xa zishiywe kwimoto eshushu. Kula maqondo, ipesenti enkulu kakhulu iyakwazi ukudluliselwa ukusuka kwikhonteyina okanye ibhotile yeplastiki, kungako oko kumele ungaze uphinde wenze shushu ukutya okuthenge wahamba nako ngesikhongozeli sepalisterini kwimakroweyivu. La machiza aquka iBisphenol A (BPA) kunye nephthalates, nezizizphazamisi ezaziwayo kwiincindi zamadlala ezingabangela umonakalo kwimithambo, ngelixa ezinye zicingelwa ukuba zingabangela umhlaza. Ngelishwa abo basemngciphekweni kakhulu ngabo basoloko besebenzisa izinto ezenziwe ngeplastiki ezinjengekomityi, izikhongozeli nezityana; umzekelo abantwana abancinane kunye nabafazi abakhulelweyo.

Kungako oko kungumbono olungileyo ukuqalisa kancinane ukukhupha iplastiki kwikhitshi lakho. Ngezikhongozeli zokugcina ukutya ungasebenzisa iglasi, okwenziwe ngomdongwe okanye intsimbi. Sebenzisa iijagi ezindala zekofi okanye zebhotolo yamadongomane. Akukho sidingo sokuchitha imali eninzi. Ngoku sele kukho indlela ezingezinye kunokusbenzisa iplastiki ezikhoyo ezinjengebhambhu, intsimbi okanye izixhobo zokupheka ezenziwe ngokhuni, iipani zokugcada ezincanyathiselwe umdongwe endaweni yetefloni, kwakunye neemagi zentsimbi okanye zebhambhu ukulungisela abantwana endaweni yeplastiki.

Sebenzisa iitreyi zentsimbi okanye zesilikhoni, ibhambhu okanye iibhodi zokunqunqela zokhuni kunye nebhotile zeglasi endaweni yeplastiki. Songela isonka kwiphepha elingangeni-manzi okanye nelaphu kwaye usebenzise isikhaftina sesinyithi okanye seBento ukulungisela izidlo zasemini zabantwana. Izikhongezel-kutya ohamba nako ezinziwe ngodiza leswekile endaweni yepalisterini kunye nezixhobo zokuphatha ukutya ohamba nako ezenziwe ngebhambhu yenye yeendlela ezikhoyo ngoku.

Akudingeki ukuba uyenze yonke le nto ngexesha elinye, kodwa ngenxa yempilo yakho kunye nempilo yehlabathi lethu, ungaqwalasela ukuqalisa kancinane ukucutha ukusebenzisa iplastiki kwikhaya lakho.

# IOverstrand ikhokele kwiindlela zokuphelisa ukusetyenziswa kweebhegi zeplastiki

*UmPhathi weCandelo leNkukuma eQinileyo laseOverstrand, uJohan van Taak, kutsha nje uthe wanikezela ngeebhegi ezisetyensiwa kaninzi kuSodolophu waseOverstrand: uRudolph Smith, uSekela-Sodolophu: uDudley Coetzee kunye nomPhathi kaMasipala uCoenie Groenewald.*

**Lwesibini, 07 kweyoKwindla 2017:** UMasipala waseOverstrand usazibophelele kwiinzame zokuphelisa inkunkuma ngendlela enoxanduva nokukhuthaza indalo esingqongileyo engenaplastiki. Kamva, umPhathi weCandelo leNkukuma eQinileyo waseOverstrand, uJohan van Taak, kunye neGosa lokuSingqongileyo uPenelope Aplon bathe benza ingxelo-ntetho phambi kweQela loLawulo ngokwesiGqeba (lifinyezwe njenge-EMT) ngobungozi nempembelelo embi eyenziwa ziibhegi zeplastiki kwindalo esingqongileyo nolwandle. Kungentsuku zatywala, injongo kukusasaza ivangeli kubasebenzi bonke baseOverstrand ngembono yokwazisa nokuqinisekisa ukuba kwabona baya kuba ngoonozakuzaku abasisiseko kweli phulo.

Ekuqukumbeleni kwale ngxelo-ntetho, uVan Taak noAplan bathe bakhupha iibhegi ezisetyenziswa kaninzi (ezenziwe ngemathiriyeli eyomeleleyo okwenza iparashuta) benika uSodolophu uRudolph Smith, amalungu eKomiti kaSodolophu angoogxa bakhe kunye ne-EMT.

Kuko konke, uVan Taak uthe, "Sinqwenela ukukhuthaza uluntu lwaseOverstrand ukuba luthenge iibhegi ezingasetyenziswa kaninzi endaweni yeebhegi zokuthenga zeplastiki eziqhelekileyo. Ngale ndlela, uluntu luya kusinceda kakhulu ekulondolozeni indalo esingqongileyo nakwiinzame zokulawula inkukuma.

"Kuyinkxalabo ngakumbi ukuba kwihlabathi lonke kuqikelelwa ukuba malunga neebhiliyoni ezi-4 zeebhegi zeplastiki zixelwa njengeziphelela enkunkumeni minyaka le. Xa ziqhinwe ngamasondo azo, oko kungathetha ukuthi ezi bhegi zingajikeleza umhlaba wonke izihlandlo ezingama-63!"

# 'ABAFAZI NABANTWANA KUQALA' Isikhumbuzo seminyaka eli-165 oko kwazika iBirkenhead

Inkonzo yesikhumbuzo ukukhumbula abo bathi basinda nabo bantu balahlekelwa bubomi babo kwintlekele yeBirkenhaed ibanjwa minyaka le ngowama-25 nowama-26 kweyoMdumba kwiidolophu ezahlukeneyo kwihlabathi lonke.

EGansbaai, umsitho ontsuku-mbni oquka itheko lokubekwa kweembali eBirkenhead Rock, kulandele ithekwana lesikhumbuzo elwandle.

USekela-Sodolophu woMasipala waseOverstrand, uDudley Coetzee, inike intetho ephambili kwaye wabeka iimbali ekhumbula abo baphelela apho.

Kwintetho yakho uSekelela-Sodoluphu uthe. "Ngalo mhla, wama-26 kweyoMdumba 1852, kwiminyaka eli-165 edlulileyo nge-14h00, inqanawa yomkhosi iHMS Birkenhead yaqhekeka kumganyana ongaphantsi kweekhilomitha ezi-5 ukusuka elunxwemeni nalapho yathi yabetheka elityе elalivele nje kancinane kumanzi olwandle. Nanjengoko inqanawa le yathi yasuka kwilityе elo sele inomngxunyakazi imkhulu kwelinye icala. yathi yazala ngamanzi kwicandelo elingaphambili kwaye ngaphaya kwe-100 lamajoni lathi larhaxwa lilele kumagumbi okulala awo. "Malunga nemizuzu eli-10 emva koko, iBirkenhead yathi yabetheka elityeni kwakhona ityeli lesibini kwaye icandelo eliphantsi layo lathi lahlephuka lavulela. kwakukho abantu amangama-643 ababekhwele enqanaweni kwaye malunga nama-450 abo alahlekelwa bubomi kwesi sihelegu ntlekele.

"Kodwa nelo lifu limnyama libenokukhanya okuthile kushiye uphawu olungaphelieyo kwingqiqo yentlalo yethu. iBirkenhead Drill yathi yavela. Le ntlekele yathi yakhulisa umthetho-siseko othi "Abafazi nabaNtwana kuQala".

"Namhlanje silapha ukuza kukhumbula uKhapteni Robert Slamond, uLeftenti Kheneli Alexander Seton kunye namadoda aba nesibindi sokuma kwinqanawa wzikayo ngelixa abafazi nabantwana babenikwa ithuba lokwehla kuqala ngezo zikhephe zazimbalwa.

"Kwankqu namahashe omkhosi alithoba athi akhululwa ngethemba lokuba aya kudadela ngaselunxwemeni ngaphambi kokuba la madoda ashiye izikhundla zawo ukuzama ukuzisindisa. Ngokwelinye ingqina, phantse wonke umntu wayethule, akukho yayivala, phandle kokukhaba kwala mahashe kunye nemiyalelo kaSalmond noSeton, yonke ikhutshwa nelizwi elicacileyo nelizinzileyo kungekho kungabaza. La majoni awazange atshukume, nangona inqanawa yathi yophuka, kwimizuzwana nje engama-20 emva kokuba ibetheke elityeni. Amanye amajoni athi akwazi ukudadela elunxwemeni, emana ukubambela kwizijungqe zenqanawa ukuzigcina bedada, kodwa uninzi athi arhaxwa okanye aswelekela emanzini.

"Namhlanje, ngenxa yemiphumelela yesi sehlo enza buhlungu iintliziyo, iBirkenhead Drill ithe yamisela kuthi umthetho-siseko wokuba abafazi nabantwana kuqala. "Kukho umgca kumbongo oyimbalasane kaRudyard Kipling othi, "Soldier an' Sailor Too", othi usicaphule kakuhle isibindi abanaso la madoda kwiBirkenhead xa ayejongene neemeko zokuphelelwa lithemba. Ubekwe ngolu hlobo: "But to stand an' be still to the Birken'ead drill is a damn tough bullet to chew."

• I-Danger Point Lighthouse yakhiwa kwiminyaka engama-43 emva kwale ntlekele ngo-1895 khona ukuze ilumkise iinqanawa ngalo mwonyo unobungozi. Isisikhumbuzo esisebenzayo kuloo maxhoba kunye nabasindayo kwintlekele yeBirkenhead.

# I-MOZART QUARTET

IOVERSTRAND ARTS/KUNSTE (efinyezwa njenge-OAK) iza kusindleka iMOZART QUARTET ENSEMBLE kwikonsathi yange-15:30 ngeCawa, wama-23 kuTshaziimpuzi 2017 kwiOdithoriyamu yoLuntu eHermanus. Imilonji eyaziwayo yaseKapa uLiesl Stoltz (obethe ifleyiti), uFarida Bacharova (obetha ivayolini), uEmile de Roubaix (odlala ividyola) noKristiyan Chernev (odlala i-cello) baya kube bedlala imisebenzi kaMozart, uHofmeyr, uReger, uJacob noLobos. *Qhagamshelana noBELLINI kwezi nombolo 028 312 4988 khona ukuze ubhukishe isihlalo. Iindleko zamatikiti li-R130 kuze abafundi ibe ngama-R60. Qhagamshelana noRené du Plooy kwezi nombolo 082 940 4238 ukuba unemibuzo.*

I-Mozart quartet